

IMVO ZABANTSUNDU.

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KINGWILLIAMSTOWN, NGOLWESI-NE, JUNE 7, 1888.

[No. 186

INGUBO ZO BUSIKA.

DYER NO DYER

Basandukufikelwa yimpahla eninzi ngamikombe yezo zixelwa ngentla. Banovuyo ekubizeni bonke abalesi beli pepa ukuba ke

BAKANGELE EZIMPAHLA ZILANDELAYO,

Zizanyelayo zonke ezinye ngokulunga nobutshipu :—

Iminqwazi, 1s 3d, 2s, 2s 6d.

Ihempe zokusebenza, 1s 3d, 1s 6d, 1s 9d, 2s. Ibhulukwe ze sitofu ziqalela 3s; Ibhathi 5s 3d. I suti ze Norfolk Blue Serge, 26s.

Imibhalo etshipu kakulu. I blankete netyali zoboya.

Ibhulukwe ze kodi, 5s 6d.

Siyazisika ibhulukwe. Izitofu ezilula eziketiweyo ziqalela kwi 15s 6d. Zimmile kanye umntu. Ama- qina ne zi kafu.

Kweli lase ma Xoseni yiza kuzinyulela kwingubo zakwa DYER no DYER ezihleliwyo. Isuti zabafundisi ze Black Russel Cord, nezalakana, Iminqwazi yabafundisi ne kalala.

I bhathi zokwaleka zamakwenkwe, abafana, namadoda ziyaqala ukuvulwa ezimpahleni.

Kwa DYER no DYER,

KING WILLIAMSTOWN.

ENDWE!

KUFUNWA

Inqwelo Zokutwala Amalahle

ZIWASE E-

METELE NASE KOMANI.

18th January, 1888.

A. W. REID,

UMTENGI WENTO YONKE,
e Downing Street, King Williamstown,
nase East London (e Monti).

Uboya begusha, nobe seyibhokwe, Intsiba ze Nciniba, Izikumba, Imfele, Impondo, Itapile, njalo, njalo.

Utenga ngawona manani makulu ase Markeni nge CASH.

BONISANI.

Amahashe amabini, elinye yinkabi efosi enekolo, no mnxuma endlebeni yase kunene, eno O ccaleni lase kunene, etshoba lifutshane; elinye yinkatyana emfutshane emqolo ugobileyo amanqina amhlope omabini asemva. Alahleke ngo 15 April odluleyo. Woti wakuya umkondo ubhale ngo Mr. Wilson, Colesberg.

JAMES KWEZI.

Umanyano nge Mfundo.

Intlanganiso yolu Manyano iyakuba se Debe kwa Matubela, ngomhla we 10 July, 1888, ngolwesi-Bini evekini, iqale ngexa le 11 kusasa. Amapepa engxoxo ayakuleswa ngo Messrs. J. B. Yekela, Alex. M. Njokweni, Robert N. Gaba, no D. Dwashu. U Mr. D. Mbaza uyaku- ndulula ingxoxo ngo " Titshala nosapo olufundayo ezikolweni zangapandle."

B. SAKUBA, Hon. Secretary.

Kingwilliamstown.
4 June 1888.

ISAZISO.

N DINIKA esi saziso kubo bonke abaganla kumahlali aku Tsolo. Bonke abaya kufunyanwa behamba nabapete i Licence zokugaula, kodwa engeko amagama abo, bonke ndobabamba ndibase kwi Mantyi yakwa Tsolo ukuze kubone yona ukuba abantyalala. Mna nditi bonke abanjalo bangababelekwa.

THOS. NGUDLE,
Umgcini-Mahlali.

Kambi,
8th May, 1888.

KUKO

C. A. Jay & Co.

Malunga Nezituba zo Daya no Aluveni

Eqonce (Kingwilliamstown)

A PO nofumana IMELA, IFOLOKWE, AMAGXEBEKA, IPLETI, INKUM. TYE, IBEDI, INTO ZOKUSEBENZA, (tools), IZIKONKWANE, IZIKOLOFU, INTSIMBI ZENGANGANGO (hinges). Singatitshala? Ilapo nje yonke into efuneka endlwini naseshopini.—Cathcart Street, 16th May, 1888.

KO TITSHALA.

L O ugatna lingezantsi ufuna um Vangeli lne titshala ezimbini ezine Certificates nezimilo.

JAMES M. DWANE,
Macubeni,
Lady Frere.

2nd May, 1888.

I MPAHLA ihleli yodwa ngase ntolongweni endala. Ingawa, ilokwe, ibhulukwe, amahashi, inkomo. Yonke into oyifunayo lesisulu! Isisisulu! e Qonce ukangele emarkeni. Kufike into enimi yonoxesha bengubo zamadoda. Ibhulukwe ne Bhatyi ezingonoxesha zi tshipu.

Ikaya Labantsun du.

U PAUL XINIWE usaligeinile i " KAYA LENU — uyazibulela izandla zenu— uhleli elungele ukunikonza ngendlela zonke (General agency)

I-FASHONI EZINTSHA, EZIVELA E YUROPE.

Ezamanekazi i Fur Capes.
Ezamanekazi i Fur Dolman- ettes.
I jersey ezintsba ziqalela kwi 3s 6d to 5s 11d.

Ezangapantsi ezilukiwyo, zi- tshipu kakulu.
Izitofu zelokwe zobusika ezitsha.
Iflanelo ezenziwe ngoboya begusba Zase Afrika.

Izikafu, netyali.
Into eninzi yezihlangu zamane nekazi ezidla i 7s 6d ziyaku- tengiswa nge 5s 11d.

Zonke ezinye impabla zitshipu kanye kotenga ngemali.

W. O. CARTER & CO.
MACLEAN SQUARE,

Baker, Baker & Co.

e QONCE (Kingwilliamstown),

Bane mpahla ezilunge kakulu nakuni Bantsundu.

I BHULUKWE ne BHATYI ze KODI.
I BHULUKWE ne BHATYI ze ZITOFU.
I SUTI ze ZITOFU.
I HEMPE ezilushica.

Zitengwa ngawona manani atshipu.

I MICAKO, ye KALIKO e Brown ne White.
I PRINTI, i-LINZI, i-KODI.
IQIYA ze Keshemiya ezimnyama nezinamabala.

Impahla yokutshata kulapo ikona.

Ofani ngofani be TYALI.

KWA;

Baker, Baker & Co.

KINGWILLIAMSTOWN.

JOHN J. IRVINE & CO.,

ISITORA ESITSHA,

Sengubo nobu Qeleqele

beza Mankazana,

E-QONCE.

Ezamadoda Ihempe, 1/- 1/3, 1/6
Ibhulukwe ze Kodi, 5/- Eze Twidi
ibhulukwe, 4/-
Ibhathi ze Twidi (iqukunjelwe yonke) 6/6
Eze Twidi i Suti, 16/9
Ikeleko, 2d.
I Printi (intlobo ezintsba) 3d.
I Linzi, 3d.
Ityali ezimnyama, 2/-

Alikazanga libeko elinjengeli icam.

UTIKOLOSHE! UTIKOLOSHE!

Utikoloshe obefuda ekwa Ngomti uyabulisa

KUBO BONKE ABANTU,

Ebazisa ukuba sele fudukile kwa Ngomti,

SELEVULE EYAKE IVENKILE
KWASE MARKENI APA.

Ingubo, Ibhulukwe, Ityali, Zonke intwana ntwana ziko..

Ababenamatyala kwa KEEVY mabeze kurafa kuye.

Yizani kuzibonela ngokwenu!
Izikumba, uboya nantonina yizani nayo kwa Tikoloshe.

A. J. CROSS & CO.

Bebefanele kungoku bonke

Iveki.

AMEHLO omzi acelelwa kwisigwebo se Jaji ngo Tungumlomo, esikwelanamhla. INTLANGANISO ye Kotniti yo Manyano nge Mfundo, ebekuvakaliswe ukuba iyakubako apa e Qonce ngolwesi-Hlanu olugqitileyo ayibangako ngenxa yokungafikeleli kwamalungu. Asuke angase Qonce apa akove.

LUKULU ulonakalo kulo lonke efi olwenziwe ngulomoya mkulu kunene usuke wazibhinqisa izindlu, wancotula nemiti.

INKULU ye Jaji zelizizwe, u Sir J. H. de Villiers ukangelwa ukuba afike e Kapa ukucela e Ngilani ngayo leveki.

U MONTSIOA, enye yenkosi zama Bechuana yazise izipatamandla zelo ukuba, inga ingatnceda u Rulumeni we Nkosazana ukuba kufuneka lenkosi yama Moronkwini inyanzelwe ngeziquka ukuba irafe.

U RULUMENI uzimisele ukucela e Palame. nte imali eku £2,470, eyakusebenza izindlu zakomkulu e Transkei ngalonyaka uzayo (1889) : ayicelela elaba Tembu £1,575; i East Griqualand £5,150. Kwakona ufuna enikwe ingunya yi Palamente lokwenza indlela e Transkei nge £3,000; indlela le icanda Emapondweni isuka e St. John's £6,000; indlela esuka e St. John's eya Esinuka £2,000; umcancato wase Tsotno £2,000; umcancato wase Kokstad £1,500; umcancato wase Mtnandi (ngase Somerset East) £3,500.

KUZAKUMISWA yi Palamente e Dayimani umhlozi we Compound wakwa Rulumeni oyakugcina ukuba impato yabantu ibeyeyemfaneco.

U REV. J. S. MOFFAT ongamhelo e Nkosazana kwelama Tebele, ugqite e Kimberley ngeveki egqitileyo esiya kwakwelo, ubeke wase Rini entsatsheni yake.

AMAXHWILI asatwele amehlo kumandla wase Rini. Uke ngaleveki igqitileyo umhlabi wawo wangena ebuhlanti begusha zika Mr. Currie ifama lakona wenza ukutanda woyikiswa sewonakalisile.

U MR. F. B. FYNNEY umhlozi wemfundo yabantsundu e Natal obeke walala ngendlu kokufa usingigela empilweni.

KUIWA u Dinizulu upange Umnyamama inkoino ezilikulu linatatu.

U REV. A. T. RHODES wase Wesile seledudulokile e Maritzburg ukuba e Qonce. Umke umzi ulila, kuba ubetwandwa kunene. Iramente ayisihlayo i nlike i *address eye-* nziwe kakuhle nesipaji sine £70. Angafika apa e Qonce ngaleveki.

ENYE intokazi kwezi, zisila umqomboti Nyutauni apa e Qonce idliwe £15, ngu Mantyi lekwakufuneka ngapandle kwe *Licence*. Iyitro kwayoko imali.

AMADODA apambi kubaLanyuli kwisitile esiya Albany esiquka ama Butisi nama Cawa, ngo Mr. Luke no Mr. Norton. Singa- vuyisa amawetu onke ebinqele pezulu ukuya kuxhasa u Mr. Luke. U Mr. Norton nguya e Palamente kupela ukuyakomeleza Imbu- mba yama Bhulu. Kuvotwa ngolwesi-Bini lwezayo, 12th June, kulowo mandla.

IGQIRA lase Tinara lisand 'ukurolo inaliti ebisele incminyaka ema 35 yamhlabayo umntu.

U MR. BOTHA obemangele pambi kwe Jaji e Kapa ukuba abavoti abantsundu base Batenjini basicwe, sipenulwe isigwebo se Mantyi yakwa Kemani ngo Tung' umlomo — ugwetyiwe zi Jaji, ezite aziboni sizatu sokusipenula isigwebo sika Mantyi U Judge Smith ute akuko mteto wapuliweyo .yi. Mantyi, ukuba ubani uyakalaza mskasibhe- kise e Palamente isikalazo sake... Zite zisi- tsho i Jaji zaye zisiti amatyala amakulu akananto angayenzayo mayelana nez gwebo zomantyi nokuba zibi ngo Tung'-umlomo.

KEKWATI e Cookhouse, ngawo lomoya igwangqa elingu Puckring lisahlile etafileni lisidla ibhulakufesi, suka yatatyatwa yonke intungo yendlu yatiwa jukutya paya.

SINALOMOYA nje kwimimandla engasentla kwe Kapa ngonogumbe,

IGWANGQA elingu William Marfield, li. xhonywe ngolwesi-Bini lweveki egqitileyo e Mossel Bay, ngokubulala u Louisa Del. bridge.

I PALAMENTE yase Transvaal igqibe kvrelokuba seyivakalise ukuba inemvume ukuba ofanyenwe enetyala lokulwa nokupitizelisa (*huisvredebreuk*), nokuba umhlope maka- melwe yikatsi. Uchaswe ngawo omane ngamapepa akona lomteto.

IsiMNARI yase Lovedale iwalva ngolwesi-Tatu lweveki engapaya kwezeye.—20 June.

O PHILIP ZINGANA, no Robert Ncapai no Charlie Zona, babanjwe e Rini ngetyala lokubhada ixego lomlungu elingu Mr. James Grant, ngolwesi-Bini lweveki egqiti- leyo. Sebedizwa ngu Charlie lo shanye ati yena akenzanganto, ngabo. Lomntu ufunyenwe ngakwinduli ye Zono ebesele umoya ngokwesiqelo ; suka ngokufuna imali aselesilarwa. Usapicotwa umcimbi lowo.

KUVAKALA ukuba u Rulumeni ungenise e Palamente izolo umteto wokuba makwenziwe lololwe nsuka e Lesseyton ugqita e Tarka- stad aye e Conway.

U R. T. Nukuna & Co. ubulela lamanenkazi namanane — Miss Mhlauli; A. Tabata, S-Makiwane, Malgas, R. Tunyiswa, Hokwaua, Mapoma, Yekiso, Sammy Madiwa, Misses France and Jubetu, Miss Zulu, J. Sishuba, Rev. & Mrs. Dwane, Ndlangisa, Mtombeni, (2), Makohliso (2), Peletu, Mr. & Mrs Mbane, H. Mzileui, Kolo, Xinishe, D. Binase, U. C. Matsolo, J. Sondlo, Mbengo Masoka.

IBHULU abati ngu Barend J. Bester lase Macibini, Glen Grey, Illandiselwe i Jaji ngo-Mgqibelo yimantyi yase Koma- ni ngobusela benxhova ezintatu zenqholwa zelineyo ifama elingu Mr. Jackson.

SIVA ukuba Umhlozi Zikolo u Mr. John Samuel, obebanjelwe ngu Mr. Crawshaw, ubuya selelipile ekupumleni e New Zealand. Uza kuhambisa kwa umsebenzi wake.

EZE ZITILI NGEZITILI.

PANTSI KWA MAHLAYI (PERIE).— Ngamanye amaxesha iba yinto elungi- leyo, ukuti umntu umncome esiva, okanye umbulele, kunokuba uhlal' usola ungazange uyibone into elungileyo eye- nziwa ngomnye umntu. Ukutsho ke ndibangwa sisenzo sama Tempile ate, akubona indlu yesikula, efundela usapo lwayo, isonakala, abantwana ne Teacher be godola, afun' iqhinga lokuba ifulelwe, kuba kulapo nawo ngokwawo angena kona ngolwesine, ukwenza intlanganiso zawo. Acinge ngokutabata kwityeya- ndyebwe yawo imali yokwenza i Tea Meeting, aze arole into enjengezonka inqholowa yawo. Kumiswe *ke* imini yolwesibini ku May, ukuba ibe yimini yentlanganiso ye Tea Meeting, kuze kuti ngezimini zandulela yona kube kutengi- swa i Tikiti, kuye wonke ubani onokuzi- tenga, umntwana nomkulu. Umntu omkulu ibe yi sheleni, umntwana ibe yi sikspeni. Manditi xana ndigxayo, yada yatika imini leyo, ibilindiwe, ijongwiwe, ngeliso elibukhali kulindwe ukuba azi iyakuba ngumsebenzi onjanina; kuba kumhlana uqalwayo umsebenzi wololu- hlobo kubantu abakulu! Ifikile imini engaliyo, zibe zizawukawu bevela kwizi- paluka ngezizipaluka, yangamawokowoko. U Rev. B. Ross umninimzi nomongameli wayikhubala indawo ekungayo, kwanom- cingo obangele ukubakube yinto ekuyiyo, ngobuciko obukulu nobutyilekileyo kuye wonke ubani owayeko ngalomini. Ema kwezixhaso kuhambe ingxoxo, kusuke amagila ngamagila, ate nangenxa yoku- yola kwentlanganiso, yada yasuka enye indoda yabeka inqawa ebishaya ngayo ngenxa yokuswela into engayibekayo ; eteke inqawa leyo yasilentwaga kwalapo. Abavumi babehleli ngapambili, beman' ukuma bechosinela into zamanene. Lento iyingoma, yinto evula nesandla esifunjatiweyo angazange umniniso asi- vule. Namhla abavumi babe mlalaba wantaka, singakankanya amaqhama am- balaba abe zimbalahasane angala.—Miss T. Bobi, Miss Meyase Mabandla, Messrs. Zephaniah K. Nyiki, Petwell Matshikwe, Ama Miss Blair, oko kukuti intombi ezilahika kona, zike zavuma ingoma zazo. Zaisho yangati ngama Hem, zaishe sabeta sazishwayimbau. Xake ndenza ezinda- ba andinakuyilibala i teacher yase Burmshill u Mr. S. Govo, owafaka igxalaba kulomsebenzi ngako konke, ndimbulela kakulu. Lomsebenzi wawusitisiwe nga- manene alandelayo:— O Messrs. Jwara Bini, Inkosi ya Mahleke, Oloha Xhego, Ngqola Vazi, Henry Bran, (wase Tyusha) owabonisa ukumnakalala, kwale ngoku- rola ishumu (10s.) Iesheleni no Jacob Vena i Teacher yase Xhukwane (Knox) nama- nye amanene. Wayivalake umongameli intlanganiso emandlani kakulu ngenxesha leshumi ebusuku ukuya kulala. Imali eyafumamakeyo ngalomini yi £12 .11s. 104 ngapande kwamandja. Singa wonke umzi ontsundu, ungafikelw i zimini zoku- landa isitete samandulo, sokuhlala umntu enengqondo yake ipele, abe nokuzicinga izinto ezizekwa pambi kwake, nafanele ukuzenza ngokwesoko lazo angaman' ukufamla ebunyameni ngenxen' okuba ingqondo eyichite ngotywala.

COLESBERG.—U Rev. M. September, ngolwesi-Bini ekuseni, ute wawa ne kari wafumana ingozi ebvela e Petrus- ville—komnye umzana opantsi kwake, apo ebeye kushumayela kona nge C'awa, 20 May— ehamba ne titshala u Mr. Mdo- lomba, kute kuba kwakufuneka ititshala ivule isikolo ngolwesi-Bini wabonakala enyauzelekile umfundisi ukuba ahambe imini nobusuku kuba kukude. Kwala ngo 3 o'clock ngolwesi-Bini ekuseni yawa i kari, wati umbhexeshi ne titshala kuba isengamadodana emakula abanako ukutsiba. aLenzakala, wati umfundisi yena akabinako, kuba ngomnye wamadodo- da atyebe kunene, wasindwa ngumzimba waruneka unyango, ne ngalo. Kuluvuyo ukuti ubuchacha noko asezingulwini ezinkulu. lato ete yangumngangalisio ngamahashe kuba akakhabanga.

EMNYAMENI.—Kwiveki yokuqala ku May laba labeta izulu kumz' otile, umnini- mzi lamqaba balishelenza ubuso, lawe- nza invite umpu yalidlwa inkulu. Singa angahl' alungelelane umhlobo lowo. Awedolosi amagqirana ati upose- lwe ngunwana ngokumahluta intlaka emlonjeni, kuba emkupe ebukulwini wabunika komncinane. Yana okusima- ngama emva keku. zingamabodlo izitolosha zezifologu zama Bhulu.

I JAJI NO TUNG'UMLOMO.

UKUGWETYWA KWAMA BHULU.

INTSHAYELELO. Ngolwesi Ne olugqitileyo i Jaji zamatyala amakulu ase Kapa zibe zisingete isi bheuo sika Mr. T. J. Botha, kwisigwebo se Mantyi yakwa Komani Abafundi bokumbula ukuba u Botha wayechase (egameni le Mbhumba ya Mabhulu) ukuba Abstembu base Glen Grey bangene kumalongo evoti, waza wagwetywa yi Mantyi mayelana nelona qela likulu la Batembu, zawa pezu kwake indleko. Ubebhenele eso sigwebo.

ABAMELI

Pambi kwamatyala u Botha ubemelwe ngu Mehazi-Mteto opete no Sir G. Sprigg, u Sir T. Upington ; u Mantyi i nabantsundu bemelwe ngu Mr. Innes. Indawo azaneke pambi kwe Jaji u Sir T. Upington zezokuba umteto awuhanjiswanga ngendlela yawo ngu Mr. Hughes i Felkornet, maye clana nokwabona. kalisa amagama awayewabhalile wasuka wawatshixela entweni ye glass ukuze anga. binakubonwa onke. Imantyi ayivumanga ukuziqwalasela izimangalo zika Botha, yasuka yapulapula zalishumi, ayabisazamkela ezi 440. Ngapezu koko ababantu bachaswe ngu Botha akuko namnye kubo onokuti umhlab- ba ongowake. Ngokoke undimangele ucele- amatyala ukuba asikwe onke lamagama emalungelweni ombuso. Ababantu abahleli

zindlwini ezifikeleleyo kwi £25.—U Mr. Innes usele ukanyanisa kuka Mr. Hughes, umbhali ote ayengatshixelwe amagama, abhalwa kanjaqo emva kwenkatalo enkulu eyenzi- wayo ukuqonda ukuba anemfaneko na- Mayelana nokungakangelwa kwezizatu zen- chaso zika Botha, kwakangelwa alishumi ku- baw asuka wamisa elokoba ubachasa bonke kuba bemnyama, into engesizatu. ke leyo. Utsho wati u Mr. Innes yonke imfaneko yensiwe. INGXOXO.

Judge Bachanan : Akuko unokubhenela isigwebo sikamantyi ngalomteto ungu- Tung'umlomo. Upikela ntonina undima- ngele ?

Sir T. Upington : Asimangalele sigwebo sika mantyi, siti mawaselelehlwa onke amagama Abatembu kuba kungahanjwanga ngamteto, kufanyanwe kwabhadlwa nje, ukubhalwa kwawo. Sipikela lonto nga. kumbi kuba umantyi esitwalisa indleko ezinzima.

Judge Buchanan : Zona indleko niuako- na ukazipika?

Sir T. Upington : Ndiyakubonisa ukuba sinako,-nkos'am.

Judge Smith (obambele inkulu) : Isi- gqibo zomantyi akunako ukubunye uzipicote, into onako kukucela ukuba aselelalilwa onke amagama, ukuba nnako ukwalata ukuba aku- hanjwanga ngamteto ukubhalwa kwawo.

Ute u Sir T. Upington njengokuba sole- tshilo awafezwanga amabakala ngokusuka ahambe ngamatunzi um'bhali. Namhla u Mr. Hughes uyakanyela ukuba waye watshixele, kanti pambi komantyi waye kuvumile oko. Bubuxoki obumhlope obo. Inqubo yeligosa yebnhlazo kunene, akuba- njwanga ngamabakala ukubhalwa kwalamagama.

Judge Smith: Ipina ihambiso egwenxa, xa ngaba ubeqonde ukuba yiyona nto ifane- lekileyo ukuba awatshixele ?

Sir T. Upington: Ngebeko enkulu, Nkos' am, bubugwenxa obukulu ukufunga ubuxoki. Utsho wabonisa indawo yokwa. Iiwa kwezichaso awayemele uknzamkela ngomteto. Walata ukuba ababantu babe, ngenayo imfaneko, abanazo izindlu ze £25, ukuze bafikelele kwelonani kude kwaqukwa nentango zabo zamaty zobuhlanti benko- mo. Umteto e Ngilane awuknvwemeli ukubandakanywa kwentango ezibiyele imizi, nokuba sezinexabiso elikhulu. Kukangaka- nanina ngezobuh lanti.

U Mr. Innes ute kwindawo yokuqala n Botha akanguye owestitisi sase Komani, asindawo yake ukumangala. Ubonise ukuba umteto zifincive imfaneko zawo, akuko mo- naka'o wanelelele ukuba alahlwe amagama.

ISIGWEDO.

Judge Smith, ihlwise isigwebo samatyala. Ubalise ngamabakala omteto ongu Tung' umlomo amakafezwe, waya kuma kwelitit isigqibo sika manty' asinakubhenelwa ngalo mteto, angafanelana egwebe ngokutyekileyo emtetweni, Kanti ke noko lomatyala analo ilungelo lokwabuyekeza amatyala enkundla ezingapant si, utsho umgwebi wabonisa ama. nyatelo okungena imicimbi enjengalowo pambi kwamatyala mmaknla.. Ngemiteto Old. 4, 1828, no Ord. 73, 1830.' Kumiselwe ingongoma elinokuti ityala elingenakubhe- nelwa kwisigwebo semantyi, kubonakale ukuba mazilitete noko i Jaji; itiyala elibu- nzima bungapezu kwamandla emantyi, lityala ati kanti nomantyi unanto angene ngayo kulo, lityala elititwa nغوbuqokolo. Lendawo isingetweyo kukuba kusiwa umantyi negosa bahambise ubuqokolo, ba- wunxwema umteto. Umgwebi ubonise ukuba apa emtetweni kuko imhasa ezimbini, iko into engumteto kanti ayimbolepele kanye umntu. Ukutyebisa into ayitayayo ulinganisele ngomteto omdala womtshato ohanjiswa ngesoko labafundisi, emva koku- bizwa kwamagama etyalikeni. Ukuba ngalo- mteto wabete nmfund si akawuhambisa nge soko lobufundisi, akabiza negama, ubenga- ngxoliswayo ngabongameli be ramente, kodwa umtshato uqutywe ngolohlobo akuea- kutiwa awmtshato ngenxt yoko. Ulinga- nisele umgwebi ngomtshato womntu onga- pantsi kwexabiso lobudala, ukuba umiselwa ukuba angatshatiswa ngapandle kwemvume yalowo asesandleni sake, kodwa ukuba utshatshise, noko sikoye eso sipo, aksena kutiwa awusemtshato ngenx' enoko. Ngo- kunjalo ke kwelitityal, imfaneko yetu kuku- qwalasela uhlobo lwesiposo, ngapambi kokuba siti maubalawe umsebenzi. owona Ayimatanda yona into yokuba kudo indawo elite tenxe kuyo igosa emtetweni,—leya yokutshixelwa kwamagama, angabanga na- kuwaboaa u Botha ngo 23 Dec., ubuye kodwa wawabona engatshixelwe ngo 26 Dec : u Mr. Hughes, uti ayengatahixelwe nango 23 lowo. Umteleteli ka Botha umise invawo kulendawo, uti uxokile u Mr. Hushes, ngoko bonke ubunqhina bake abusenakwa- mkelwa. Ukuba okunene u Mr. Hughes uyit- tete emva kokcinga lento pambi komantyi, waza watenda enye pambi kwe Jaji, yena (Mgwebi) uyavnmelana no Sir T. Upington ukuba u Mr. Hnghes akanakukolelwa yaMayi- ngagutyelwa ngotuli into yokuba pambi komantyi inteto yake wayenza eshushu yimi- buzo yegqweta lika Botha, ati ke umntu apendile engxamise ngamanye atanaxsha, engawuqndt kakuhle nombuzo, ngoko atete nento abengangi angateta yona. Anditsho, mna, ukuba inteto ka Mr. Hughes ihlanjelwe kangankokuba singabi sakolwa bubunqhina bake. Ngati kum u Mr. Hughes ubunike njengendoda ubunqhina bake. Uti uwace- dilule ngenyameko amagama atumelele ukuba angene evotini, wangenisa abanta aba- zindlu zi £25, engawuq iki umhlaba. Uku- faneleka nokngafaneleki kwaba Batembu kubekwe pambi komantyi, nokuba ugwebe ngokulungileyo nokuba ugwebe ngokuuga- lungileyo, akako kbhena kwisigwebo sika mantyi. Kodwa mandalate ukuba iuxenye yababantu barola £1 irafu yezindlu. Ngomteto werafu yezindlu itivanina ukuchazwa indlu ? Kutywa sisitali, yindlu yenqwelo nayipina indlu engapandle, nokuba ayibla- liwa iyakubalwala ukuba yindlu, ingeniswe enanini. Ngati kum kutnfanele ontsundu ukuba ati oko arafiswa ngako, majrungeniswe kwimfaneko zombuso, kuba andimahluhi umntu onezitali nezindlu zenkuku, kontsu- ndu owakele inkomo zake intlanti ngamatye. Andiwuboni umahluko, enakuba singsingise- te sibhenzo; ndibona mna ukuba imantyi yahambisa ubulungisa ukuquka intungo zamaty ekuwenza ixabiso. Liko nelokuba isininzi salamadoda anamaqugwala ngama- tatu, emasiti inqungwala lilinye yi £5, ubu- pantsi, into ke leyo eyenza £15, utango

Iwamatye yiti luyi £10, ifinceke i £25. Ndziqwalasele zinke intloko zelityala ngenyameko andifumani bugwenxa ba- nelele ukuba isizwebo sibe sesokuba asikwe amagama Abatembu. Into afana yonziwe ngamatyala u Botha ayinakwe- nziwa.

Judge Bachanan uvumelene nesi- gwebo, waleka eliti ngalomteto ka Tung'-umlomo isigwebo sika mantyi asinakutiwani bani. Njengokuba ku- ngeko nto ibalalekileyo yonakeleyo kolungeniso lwaba Tembu lamatyala awangi angananto ayenziyo. Nokuba isigqibo sika mantyi silungile, asilungile sinina, lamatyala awanzwi angalenziyo Yinto efanelwe ukungangelwa kodwa le yokuba avunyelwe umantyi awubuzo kumatyala e Jaji umteto xa ngaba une- ndawo angagqibiyi ukuyiqonda ukude kungabiko nto iyakulinda ixesha elide abangati bilinde abantu kumcimbi obauleke njengalo. Uyavamelana ne sigwebo.

Ugwetyiwe ke u Botha ukuba atwale nendleko.

ELUHAMBENI.

No. 10.

E UITENHAGE.

Pambi kokuba ndingene e Bayi make ndiqale imizizana yase Tinara nase Somerseti. Nge Tinara andina zinclaba zininzi, kuba nakuba ndaka ndati gxada kona, andibang naxesh i lanelayo ukuba ndisiqonde isimo sakona. Kambe abasi- qondileyo sebate

NGUMZI WEDIMONI,

bazimisa izizatu zabo. Ndingati mna mhla ndandiko fanukuba zazilele, mhla- umbi zingahambe apo zingaba zizezihlo- bo kona. Ndagaleleki kona ukutshona kwelanga, ndakuncoma

UKUBA MHLE KOMZI

ngesizatu semiti namanzi, ngokuba banzi kwezitilata, nokulinywa kwezitityana ez.ise zizeni zezindlu; zahamba zibako nezindlu ezilima nentyantambo nakuba zingeninzi. Kunjalo nje nenduli eziralelo lomzi asikuko nokuba ziyabukeka. Kulapo uke ubone imiti eyimti, nama hlati asondeleyo ngokubukeka kwala apantsi kwentaba ze Motale, abangele ukuba zidume kubantu abahamba bebu- ka. Asikuko nokuba khle nokuti tse nokuba banzi kwezitilata nakuba kungaboneki kangakanani ukutshayeleka kwazo. Ngoko ukuti sa kwezindlu kuya kucupisa ukukoliseka komntu ; kuze kudibane namaqulana atnanzi afa- nel' ukubanga ukufa. Ndati xa ndibona

UBUNINZI BAMANZI

nahamba esima, amanye abe nobu- lembu, ndakumbula ukuba kanene lomzi waka waduma kunene ngokufa kwabantu abaye kusebenza kona; kwavakala ukuba Abesutu baya wubaleka ngeso *sizatu*. Abantu ababese befunda amape- pa etidaba nge IS73 bozikumbula ingxoko zokupela kwabantu kona, nokuba kwa- kusitwiba bagqitywa kuhlamba uboya. Ndati mna, ukuba ngoloxesha amanzi apakati komzi aye oeginwa ngoluhlobo ndilubonileyo, noboya babutyolwa. Wakukangela ukuma komzi, akusi- boni nosizitu esibangela ukuba kunqabe ukugqwagisa engasebenzi nto.

NGOMSEBENZI.

Ndati okunye fan' ukuba ngeungumza- na ote waka kakulu ukuba ubungenazi- shop zokuzandla inqwelana zikaloliwe; ndabona ukuba ezi u Rulumente waye- ngati na kuzishen xisa ezi shop kwaku- fanel ukuzeniwa ingxolo engalenge sayi- vayo nati sikoma Tyume. Xa kona use uvela ngase Bayi kusuka kube situkutezi ukubona ukusweleka komsebenzi ezitila- teni zase Tinara, wakubona nabelungu behamba ngokwabantu abangenanto ba- yingxamelelyo.

UMFO ONTLIZIYO INTLE.

Ndagaleleka ukutshona kwelanga kona, ndaba ndibe ndingamazisanga nomntu endandakulala kuye, ndivukwe bu Xhosa kunjalo nje ndingamazi necala akulo. Ndati ndakuhla kulolwhe ngabuzo kwidindala elaliko ukuba lingandibonani na lendlu ndiyifunayo, ndati kanti ndibu- za kumfo ontliziyi siba tina inabantu bangap mdle bodwa. Wanga lomfo angandilahlwa wabuya waqonda ukuba ndiya kulahleka, wase exolela ukundikapa ngokwake, wahamba nam umgama omde wada wakundingenisa kulondlu ndandiyifuna. Kumhla ndi- ngalibangeli, kuba kaloko tina besiba umntu wasedolopini angati ukuze zizuka- taze ngomnyeabe usekeleze into, okunye abe uyamazzi.

Lendlu ndandiyifuna yayijeka

REV. J. V. VAN BOO YEN.

Umfundisi ebeshilala kunye ezikalasini oko besisafunda, apoke ndafika kwase- kaya ngazo zonke indlela, sanokola ezindala ezingagqibiyi kubantu ubafunda kunye; samau' ukuzixuba nezintsha; kwati kuba kwakuxa izihloko zedlilya zicela amehlo udonwaba kanye, nakusasa ndetnka ndisarana.

AM A WESILE.

Kute ngokuhlwa ndaya entlanganiseni yomnyaka ka Rev. D. Msikinya, ndafika inoqela elaneleyo labantu, nakuba ingazalanga indlu, ndafika inekwaya. ondati iqabukile. kodwa yangati iyaqala ayikazitembi kakulu, ndatanda ndakuba abantu becula nabo noko ikoyo nekwaya. Kule ntlauganiso, ngapandle komfundisi wakona, ndafika kuko u Rev. B. S. Dlepu no Rev. C. Mahluthshana ndandisa elonani nam. Ishilalo satatyatwa yinkosi u E. Mhlambiso, owaye kona naye ohambele. Emva kokuvuma, umpati shilalo wacela umfundisi wakona ukuba aqube umcimbi owacelo intlanganiso, waza wabekela entloko wati—kukuba abantu barole imali yonyaka, watsho wafunza ngamanye amadoda ukuba asingise lendawo entlanganiseni. Zasuka into uko Dlepu nezoo Mahluthshana zateta, ndeva ndisiti— lomfundisi wase Tinara lamadoda uwa- bize ngokuwazi. Ndanga inteto zawo zingabhalwa. Mase ndisiti ati ukuba- cutela engxmgweme abantu asuka andi- kumbuzo umfanekiso eudaka ndawubona wokutsiywa kwenyamakazi xa zisiva kwindawo endingasayi kuyibiza. Ndati kodwa xasendikangela imhlati yokurolo kwabantu imali, ndakuva iuani abale-

Abamkeli be “Mvo,”

ukwazi uhlobo abemi ngalo kwincwadi ze- pepa mayelana ne- ntlaulo kuba batunye- lwe izikumbuzo.

Abanemibuzo siyaku- vuyiswa kunene ukuba sibacacisele, sivane kanjako.

Bacelwa bonke ngento- beko ukuba kwangayo lenyanga bayiqosbeli- sele intlaulo ku

30 JUNE, 1888.

Kuba sifuna ukuvana, ngapezu kokuba ke kwanjalo, nebandla le “Mvo ” nge Kwata zonke kumaxesha azayo

Amagam a angena kutsha olungelelana ne Kwata engeniswe

Lingenziwa likulu ngo September lo uzayo eke wati, elowo use- lamkela wazingenisa kwinkatazwana yoku- ngenisa igama elitsha ekulamkeleni ngazo ezinyanga.

“Imvo Zabantsundu,” Kingwilliamstown, 5 June, 1888.

nzayo, ndilitelekisa nabantu ababeko, andatsho nokuti benziwe kuqutywa. Bavuhambisa umsebenzi becwayitile, berola imali, abanye abasebenzi berola imivuzo zenyanga, abanye imivuzo yeveki ezimbini.

Kusile kusasa ndahamba ndibuka umzi, ndaya

KWICALA LABANTSUNDU, ndafika bengati ngabantu abangazami nto, bengati nabaka balinga babuyeye bayeka; kwati apo ndite umntu angade abuke kona, kwakwicala lama Lawu; nakuba nakuwokungati kuko ukubuya ngomva. Ndaye ke kodwa ndikangela ndise ndingxamise ndinge nabata lokucokisa, nelokuxoxa izinto namadoda amakulu akona.

ITYALI-TYALIKE.

Enye indawo endayi paulayo kona kukuba banizwa kwaba fundisi kumhlawana endingawubonanga, andawuwa naxa sebetela. Naba kutiwa amaqela eremente, awase Depend odwa, matatu! Kuze ke kubeko elase Wesile; kungati aliswelelike nelase Bishopi. Ezinye izinto zalomzi ndingase ndizelelela kwipepa lokuqokumbela.

Umpanga ka Rev. J. A. Chalmers

Esi eicaka so Pezu-Kouke, singene eluyolo lweni lwe Nkosi yaso ngo half-past ten wakusasa, ngolwesi-Hlanu, 1 June, e Rini. Kumzuzu ebikwa, kwada kwako amaxesha ade wakunjulwa ngokubalulokileyo ezikungweni zamabandla ase Rini. Wangu nyapakama ukuze asinge e Natal ukuya kutabata umoya omntsha. Kute, kuba bese lifike ixesha lokuba angene ekupumleni, kwala ukula abe pakati kwentsapo yake, kwamtabata. U Mr. Chalmers uya kukhambisa ngumzi obanzi, omhlophe, nontsundu, ab'ete waphnla pakati kwawo ngemisebenzi elngileyo yodwa. Akuko nto angaye nzanga abenokuyenza, ukuzamela amawetu ukuba axolelaniswe no Mdali. Njengomnye weqela laba guquli Bezibhalo, ubukulu bomsebenzi obupumle pezu kwake, ongapanle kowo bufundisi bake,—abusokubhele buqondwe ngangoko bungako luninzi; waye engumfo obezilahlale emsebenzini. Ngumfo obegqibeleleyo ukuyazi inteto ye Sixhosa, obedume ngobuciko bokuhumayela indaba ezilungileyo, igora lenyaniso naxa kukubi. Ubhubha eb'emele kule ntanga iqinileyo emadodeni, kuba ube kwamashumi mahlanu anesibini umnyaka. Akasokulibaleka ngakumbi pakati kwabahlobo bezizwe ezintsondu ngebali lika Rev. Tiyo Soga awali. Bhalayo. Ubengumfuudisi kuqala e Tunxe, umzi wesikolo apangelelene nokufa kwentlantsana yawo ngokubhubha kwake, kuba litengiswe kumafama ekuqaleni kwawo lonyaka inxowa labafundisi,—kungatiwa belilelake,—kona. Imbangi yoku—zinxwalelo zemfazwe. Ubeselelangfundisi waba mhlope eRini, ebeperu eminyaka, umsebenzi umsebenzi kwabantsundu abewetanda kunene, e Tapolisi. Lombiko uya kwamkelwa ngosizi olunzulu yinto eninzi yamawetu.

UKOHAMBA KWE LIZWI.

[UBEKO LWEZANDLA KWELIPAMBILI.] Ndingati umhla we 11 ka March ibingumhla omkulu apa e Transvaal kwi bandla lase Wesile, isiqalo somsebenzi onjalo apa kwelilizwe, umhla esitanda okunene ukunga singavakalisa nakuni kuba soloko sisiva ngeminyaka yonke apo e Colony ngemisebenzi enjengalo, sibe nokunqwana kakulu ukunga singayibona nakweli le Transvaal ilizwe, okunene Inkosi isibonisile esosibono sihle kakulu. ka March kumiswe amadoda amabini ukuzaliswa Daniel Msimang

Maake Mangena Mokoni, ngamadoda ebeselelexesha elikulu esebenza ebuni- ngweni, ke abekwe izandla e Pretoria kwitya ye yabantsundu ka Rev. M. M. Mokoni. i Chairman ye Transvaal u Rev. Owen Watkins epete isihlalo, ababeko kumagwanga abafundisi yayingu Rev. George Weavind, umbhali (Secretary), Rev. Geo. Lowe, Rev. J. G. Benson, Rev. J. C. James, A. S. Sharp, no W. J. Underwood; abantsundu, Jonas Klass, Alifant, Samuel Matataba. Yati ke inkonzo yapatwa yi Chairman, yanekake isiyalo esabhekisa kubamiswa abo ngo- msebenzi abamisela kuwo, nokubonisa ukuba sigamo sokuqala apa e Transvaal, nohlobo abafanele ukuba bazipate ngalo ukuze bafanele umsebenzi lowo Inkosi ibanyulela kuwo, namhlanje kakulu nge- mtobeko esmiliweni sabo, wabalalisa nge Nkosi oko yahlala pantsi ya u a yivuzo zabafundi bayo. Yati ke oko kungumze- kelo abayakuti bazeleke kuwo. Yatshe ngamazwi abukali kakulu i Chairman, lomsebetizi ngumsebenzi wabantu abantsundu lamadoda amiselwa uhlanga lwakowawo, nawo azinikele ukukonza uhlanga lwakowawo, ke kumsebenzi wohlanga oluntsondu ukuba baxhasa umsebenzi we Nkosi yabonise notando kubafundisi bohlanga lwabo, njengokuba amagwanga esenjenjalo kubafundisi babo. Yaye ityalike izele kute ku Bhasi- tile, ku gwangwa, kukwi Bhulu, kuzele nanga pandle ezifentileni.

Kwati emva koku kwangena intlanga- niso yozilo (Band of Hope). Kwazini- kela abantu abangamashumi amabini anesitatu. Emveni koku kwangena intlanganiso ye Ronosikapn (Missionary- Meeting) bati baposa ngokufanelekileyo, isihlalo sasipetwo yi Chairman yetu, yati yaposa amazwana. yati inosizi kuba inge- nakuhlala kude kudlule umsebenzi lo, kuba nakwabamhlope ikwa yintlangani- so nakona kuyafuneka ukuba abekona ke, seyakubeka u Rev. W. J. Underwood ete ke naye londawo wayamkela ngovu- u olukulu, kwati ke kwahatmbesha kakuhle kakulu, wati naye wabalisa ngokuhambiseko komsebenzi wenkosi apo e Barberton apo akona pakati kwaba- mhlope nabantsundu, watsho wati kubonakala ukuba i Ramente yase Transvaal ukuba izibeke emtandazweni kwi Nkosi yesivuno ukuba itumele abantu esivu- nweni sayo. Oko kwafezeka ngokuti kunyulwe u Rev. Samuel Matataba ukuba ayekona, entlanganisweni, ke kubuye k venzeka ngokungapazulu ngati Inkosi itumele umfo ka Rev. Daniel Msimang ukuba aye apo e Barberton kwabonakala u Rev. Samuel Matataba ebuyela kwesandaweni yake. Lapela ke kamandi eloxesha lentlanganisweni ngesa-

bata ezirrandi zabafundisi betu abavala kwizipaluka - ngezizipaluka, kumantunzi- ngamatunzi obumyama, ezicela zonke i Ramente ukuba zitandazele uhlanga kunye nalomadoda azinikele ukuba angenise ukanyo kulomatunzi oyikekayo Ndiipela ngeliti ungandiqumbeli Mhleli ngokwenza lomtyukambo mde kangaka kumhla ndibhalayo, into yakude noko ingalunga yamkelwe kuba yinto yase- mzini.—VULINDLELA.—April '5, 1888.

Umkombe Owapukileyo.

Inqanawa yase Itali (Italy) eyi Papa Risetta, yapuke ngeziqhwitela malunga nokungena kwe Nxuba elwandle. Ibisuka e Java isinga e Falmouth. Abantu bayo (15) sebefunyanwa ngumkombe oyi Myvanwy, beviwa ngezillilo, ngo 23 May, sebe yilonto kuba bebesebekwe ebhotinini engagutyu- ngelwe nganto Bangeniswe enqanweni ngobunzima obukulu kaba ulwandle belusolo- loko lwenze ngakunye ukalwa. I Myvanwy iye kubatula e Durban.

Emampondweni.

Ezelase Mampondweni zezokuba n Gwa- diso wasabela ku Sigcau, ulishiyile elika Rulumeni, washiya nempahla yake.—U Bokleni ubeke wabuhlungo, ekute ngetolaba osiyazi banuka indoda nomfazi, abasikwe kwayoko.—Inkomo ahlauliswe zona u Gxa- diso, zinikelele kwipakati elikulu lika Nqwiliso, u Philip Charles, ozise Komkulu.— U Bokleni uke ngenxa yokufa abenako, wa- hanjelwa ligqira elimhlope lase Mtata, ebe- linyanga induna ka Nqwiliso, ekwati ngale mfazwe, yafunyanwa ilele imanxeba kupela —amanxeba omkonto eseshumi elinesitoba.

IDABI ELIKULU.

Elinye lamapepa ase Natal libalisa ngedabi ebekilo pakati kwe namba ezimbini nenknzi. yenkomo. Liti kuko umhlambi wenkomo obusidla kwindawo ephahle ngamawo amakulu emacaleni, kwaye ngasentla nkko ihlati elikulu. Kute kusenjalo abantu beva inkomo zenze isijwili, sezisuke zabumba na zaba yinkata, bati bakukangela babona kusiya kwezinkomo inkunzi nemazi yenamba. Zisuke inkomo zaya ngomva eweni zeyela kwasinda itokazi lalinye, kwaza ngapezulu kwasalela inkunzi yenkomo. Endaweni yoku. baleka isuke yafunza kwezihamba zombini yakhetha eyona inkulu yabeta kwatshona uphetha. Ite enciuan inamba yazitandela enkoneni yazama ukuyibandezela ngelitye, yati xa inkunzi izama ukuzikulula apo yan- notuka leya ibiselupondweni inamba, nayo yazibhijela kwasenkomeni yatsalela kwelayo icala. Kusenzeka okunjeke inkomo kusoloko yenze isikhalo sasinye, koko abantu ababone layo bayoyika nokuvula. Ibe yimigu apa yanga inkomo iza knrazul wa kul.ini, iee iso; a. Kute xa ingati iza kuphelelwa inkomo anoutuka lamatye zixhathise ngawo inamba, kwati kuba kuliva kufupi neliwa kwecyela kunye, kwelha iyinkata inye kwaya kwifa ezantsi Zife zontatu ezonto kwela, inkunzi yenkomo ityumke yanga ibixhoxhwa.

EZABABHALELI.

IZIKOLO ZASE TRANKEI.

NKOSI MHELELI.—Kawuncede unding- nisele lamazwana epepeni lako lendaba. Izikolo zentsapo tina kweli sezimi ngamnye umlenze, lento ndibhalayo kubuhlungu ngenxa yokuba elilizwe isavakala nje sekungenxa yazo qa, igusha nenkomo zakatulwa sisitwya no mbendeni nje, izikolo yiyona nto besitisi isena mahlumela. Abantwana mu, ungafika nakwizikolo ebezi nama kulu ngapambili abantwana, utike sele ngamashunyana ngamanye. Asazi ukuba kaloku kutenina, kuba iziqiqiqi (iti- tshala ezingena ziqiniselo), zikolisile ukuku'shwa nje ngokwentando yabantu. Enye into izindlu zezikolo zigqibele ukonakala, kude kube ngakumbi xa nakwindawo ezinje ngoma Guewa, e Zazulwana, e Hlobo, Tsomo, Tyimira, e Cegcuana, nakoma Caba, imifulole yezi- ndlu seyidlala nomoya, nefestile seziva- lwa ngeminqwazi. Ke zinkosi nezibonda andazi ukuba nilinde banina oya kude azilungise ezizidlu, kuba abafundisi abasakolise ngakukulata. Kaloku ezi zindlu ikwa zezo nazaka ngamandla amakulu, mawanganishiyi lomandla kuse kutsha. Umntu uyagxekwa akuzeka ngamntwana womntu epotuleka kakuhle kokwabo, kanti uza ku- myekelela ekunjineni nase kuxwebeni. Nani ke ukuze indrina zoknteta kwenu okuhle zingeyeki, kutalelani esenikwe- nzile. Intsapo yezikolo yafa ngu Canzibe, abayili bezikolo mabalame.

